URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Richard van der Horst**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Richard.VanderHorst@westerncape.gov.za | 021 467 2991

Inombolo yefayili: 13/10/1/2
Isalathiso: 20231030-9246

ISetyhula: 0030/2023
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko kwi-*General Education and Training (GET) band*

Isishwankathelo esifutshane: *Inkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa*

**Isihloko: Inkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa abakumaBakala 4–9**

1. ISebe leMfundo esiSiseko likhuphe iSetyhula 02 yoVavanyo kaZwelonke ngo-2023, yomhla we-21 Oktobha 2023, enika inkcazo ngokusetyenziswa kwenkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa kumaBakala 4–9 ngowama-2023 nakwiminyaka elandelayo.

2. Amaphulo ophando amaninzi angqina ukuba ukuphulukana nexesha lokufunda okubangelwe kukuphazamiseka ngenxa ye-COVID-19, kusaxhaphakile kwinkqubo yezemfundo yaye, ke ngoko, inkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa abakumaBakala 4–9, kusafuneka isetyenziswe de kuhlaziywe uMgaqo-nkqubo i-*National policy pertaining to the programme and promotion requirements* of the *National Curriculum Statement Grades R–12*, njengoko ipapashwe kwiZaziso zikaRhulumente 1115 no-1116 kwiGazethi kaRhulumente No 36042 yowe-28 Disemba 2012.

3. ISetyhula yoVavanyo kaZwelonke 05 ka-2022, yomhla we-05 Oktobha 2022, (**IsiHlomelo A**) iya kusebenza ngokupheleleyo yaye inkcazo ekukuphela kwayo eyongeziweyo kukuba inkqubo yokutshintshwa kwamanqaku apha naphaya isebenza kuphela apho zingafezekiswanga iimfuno ezimiselweyo zamanqaku okupasa angu-40% no-50%. Oku

kuthetha ukuba amanqaku aphakathi kwee-25% nee-29% akanako ukutshintshwa. **Oku kuya kuchaphazela amaBakala 7–9 kuphela.**

4. Ukutshintshwa apha naphaya kwamanqaku nomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi ukususela ngo-2023 ukuya phambili kumi ngolu hlobo lulandelayo:

4.1 Ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya kusebenza kubafundi abakumaBakala 4-9.

4.2 Ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya okungadlulanga **kwi-5%** kuvumeleke kuzo naziphi na **izifundo ezithathu**.

4.3 **Emva koko,** makwenziwe umnyinyiva wokunyuswa kwamanqaku eMathematika. Ukuba umfundi uzifezekisile zonke iimfuno ezimiselweyo zokudlulela kwesinye isigaba (kumaBakala 4-6) okanye ezokupasa (ukwenzela amaBakala 7-9) ukusuka kwelinye ibakala ukuya kwelilandelayo kodwa **umfundi abe engamfumenanga u-*level* 3 (40%) kwiMathematika** yaye ke ngoko kufuneke agcinwe kwakweli bakala akulo, umfundi kufuneka anyuselwe amanqaku kwiMathematika.

4.4 Ukuba abafundi nakuba kunjalo abazifezekisi iimfuno ezimiselweyo zokudlulela kwesinye isigaba ukwenzela **amaBakala 4-6** emva kokuba kwenziwe ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya kwizifundo ezithathu kunye nokunyuswa kwamanqaku eMathematika, abafundi **basenokudlulela kwesinye isigaba ngenkxaso** esekelwe kwisigqibo esisuselwa kwizizathu ezimalunga nolwazi nobuchule benqununu nootitshala abasesikolweni kumsebenzi wokufundisa.

4.5 Kwimeko yabafundi beBakala 9 baka-2023, makuqatshelwe ukuba abafundi abafumene ukunyuselwa kwamanqaku kwiMathematika basenokukhetha ukufunda i-*Mathematics* okanye i-*Mathematical Literacy* kwiBakala 10.

5. Imigqaliselo yokudlulela kwesinye isigaba eqhelekileyo iya kusetyenziswa ngokumalunga nabafundi abebesele begciniwe kwisigaba.

6. Izikolo ezisebenzisa iiprogram zokurekhoda nokwenza iripoti zeSebe leMfundo leNtshona Koloni ukwenzela amaBakala 4-9, mazilandele le nkqubo icaciswe ngezantsi:

6.1 Izikolo **mazizikhuphele (*download*) iiprogram ii-*Version* 2** *programmes* ezintsha kwi-*CEMIS* ezikhoyo ngoku ukwenzela amaBakala 4-9 yaye emva koko zithathe amanqaku kwiifayili zazo ezisele zikho ziwafake kwi-*version* entsha.

6.2 Zombini iinkqubo, eyokutshintshwa kwamanqaku apha naphaya neyokunyuselwa kwabafundi, ziya kwenziwa yikhompyutha ngokupheleleyo xa kuklikhwe i-*purple button* kwishedyuli.

6.3 Ishedyuli, i-*verification page* ne-*report card* ziya kubonakalisa utshintsho olwenziwa yikhompyutha.

7. Izikolo ezisebenzisa iiprogram zazo zokurekhoda nokwenza iiripoti nezinabafundi abaya kuchatshazelwa kukutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neminyinyiva yokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa, maziyenze le nkqubo njengoko icacisiwe kwiSetyhula yoVavanyo lukaZwelonke 05 yowama-2022 (**IsiHlomelo A**) eqhotyoshelweyo, kunye nomqathango okumhlathi 3.

8. Iishedyuli ehlaziyiweyo ii-*adjustment and repeat lists*, ne-*verification page* maziprintwe kwaye zinikwe umphathi wesekethe ukwenzela ukuba azingqinisise ekupheleni konyaka.

9. Kucelwa niqaphele ukuba zombini iinkqubo eyokutshintshwa kwamanqaku apha naphaya neyokunyuselwa kwabafundi ziyasebenza ukususela ngo-2023 nakwiminyaka elandelayo kumaBakala 4–9.

10. Kucelwa iinqununu zezikolo ezifundisa amaBakala 4-9 ukuba zazise ngokuqulethwe yile setyhula bonke ootitshala.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-11-06


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department